## ICANDELO A: ISICATSHULWA

### UMBUZO 1

**Umakisho lwesicatshulwa lumi ngolu hlobo:**

- Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqondayo, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. (Nangona kunjalo, kunyanzelekile ukuba iimposiso ezikhoyo ziqatshelwe ngokukrwelelwa).

- Kubaviwa abasebenzise amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityilelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Nangona kunjalo, oku akuchaphazeli iimeko apho kusetyenziswe amagama akwisicatshulwa olunye ulwimi abhalwe ngobunjalo bawo.

- Akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela xa umviwa eyizakuzele ngokuvokothekileyo impendulo yakhe. Xa ezihlasile ngempendulo efanelekileyo engekho u EWE/HAYI okanye NDIYAVUMA/ANDIVUMELANI umviwa makawafumane onke amanqaku.

- Akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO kuphela. Anikwa kuphela xa umviwa eyizakuzele ngokuvokothekileyo impendulo yakhe. Xa ezihlasile ngempendulo efanelekileyo engekho u YINYANISO/BUBUXOKI okanye YINYANI/LULUVO umviwa makawafumane onke amanqaku.

- Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo eziligama elinye aze umviwa anike isivakalisi esipheleleyo, kumakishwa ngokuchanekileyo impendulo elindelekileyo eligama elinye xa ngaba ikrwelelwe/igqanyisiwe.

- Kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, umviwa udwelise uluhlu lweempendulo ezininzi, makisha kuphela ezimbini/ezintathu zokuqala.

- Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.

- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

## ICANDELO A: ISICATSHULWA

## UMBUZO 1

## ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 Kululutho kuba ukuxhobisa kuyamkhulisa umntu√/kululutho kuba kwenza umntu abe nako ukumelana namahla-ndinyuka obomi.√ (1)

1.1.2 Asiyonyani√. Umntu okhulayo uhamba exhotyiswa kwindlela yobomi kanti omnye uya kude alale kobandayo enikwa izixhobo.√ (2)

1.1.3 Ukwahlukanisa√/Ukuchitha√/Ukudiliza.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.4 Kukudla imbadu√/Ukujonga ukucela umngeni kumakhwenkwe enye ilali√/Ukuxhobisana ngezinto ezibalulekileyo kubomi bobukhwenkwe.√

(Naziphi na ezimbini kwezi) (2)

1.1.5 Ufika umama notata besidla imbadu kaloku ezabo iindaba azipheli. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.1.6 C. √/Kukufumana izinto ezibuhlungu ebomini√ C Kukufumana izinto ezibuhlungu ebomini. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.7 Andiyithandi.√ kuba abalilungiselelanga ikamva labo√/umntwana kumele ukuba avume ukuxhotyiswa√/Balibulala ikamva labo ngokuyekela yonke into kwizicaka baphulukana nembeko√/ Abazange bafunde nto kuba babesoloko bethe nca kumabonakude.√

Ndiyayithanda.√ Ifundisa abazali abanento yonke ukuba baqeqeshe abantwana ngendlela eyiyo.√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.1.8 Abazange bakwazi ukuzikhathalela izinto ezazishiywe nguyise zavuthuluka zaphela√/Abazange bakwazi nokuzimela ebomini, bahamba becela ukutya elalini√
(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.9 Ndifunde ukuba ndizigcine izinto endixhotyiswa ngazo nokuba alikafiki ixesha lokuzisebenzisa√√/Mandizilungiselele ngexesha ukuze kwakufika imini kaxakeka ndibe ndiyixhobele.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.1.10 Bafika bangene baphelele kwiziyobisi√/Bafika bathandane nabantu abadala kunabo ngeenjongo zokuzuza√/Bahamba iindawo zolonwabo√/Bathengisa nangemizimba yabo.√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.1.11 Emva kokuxhwaleka bukhona ubomi.√/Ukuxhwaleka ayisosiphelo sobomi.√/Emva kokudibana nezinto ezinzima ezimbi ebomini kubakho ukuphumla.√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.1.12 Ndiyavelana kuba boniwe ngabazali ngokungabaqeqeshi ngendlela, babaxhobisele ubomi.√√

Andivelani kwaphela kuba bona bakhule izinto zikhona bebemele ukuba bazilungiselele ngokutya bebeka.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.2 **ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2.1 Bangqengqe ngemiqolo bajongise iinyawo phezulu√√/Ababini abasemacaleni bafunda iincwadi ophakathi ucofa iselula√√/Bangqengqile√√/Babeke iinyawo eludongweni√√/Bajingisa iinwele.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.2.2 isigingci√/ikatari√/ikatala√/iselula√/isiginkci.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.2.3 Ukubonisa abantwana abakhule kamnandi okanye tofotofo√/Abantwana abazonwabeleyo benayo yonke into bengenaxhala lanto√/Abantwana abenza abakuthandayo√/Abantwana abonqenayo.√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (1)

1.2.4 Inkwenkwe icofisa intombi iselula√/Intombi icofela inkwenkwe ifowuni.√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (1)

1.2.5 Ityhila ukuba bangabantu abatsha bala maxesha nabathanda izinto zefashoni/√ Ityhila ukuba ngabantwana abakhathalelweyo abathengelwa yonke into abayinqwenelayo.√ (1)

1.2.6 Ezi zicatshulwa zifana:
Kuthethwa ngolutsha kuzo zozibini ezi zicatshulwa√/Abantwana abaphila kamnandi okanye tofotofo√/Abantwana abenza into abayithandayo kuzo zozibini izicatshulwa√/Kuthethwa ngabantwana abalixabisileyo ixesha lokuzonwabisa√/Kuthethwa ngabantwana abaphila ubomi obutofotofo.√

(Nasiphi na isibini seempendulo ezichanekileyo)

Ezi zicatshulwa zahluke:
Kwisicatshulwa A abantwana batefiswe ngabazali ngokungabaxhobisi ngezinto zobomi kanti isicatshulwa B akubonakali bazali√√/Abantwana babukela umabonakude ixesha elininzi egumbini kanti kwisicatshulwa B iintombi zizingqengqele egumbini lokulala zijongise iinyawo phezulu.√√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo) (4)
**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: UKUBHALA USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

**Ukumakisha isishwankathelo:**

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo- manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (inqaku ngengongoma nganye)
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
  - 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1.
  - 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo naxa becaphule.**
  - 6–7 amanqaku acatshulweyo: akunikezelwa manqaku.
  - 1–5 amanqaku acatshulweyo: nikezela inqaku libe li-1 lolwimi.

**QAPHELA:**

- **Ubalo-magama**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga. Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

Naziphi na iingongoma ezisi-7 kwezi zilandelayo ziyimpendulo yombuzo:

| UCAPHULO | | IINGONGOMA | |
|---|---|---|---|
| 1. | Ziyalangazelelwa izikhundla kwaye kuyaxhwithwana, kuyaxanjuliswana, kuyiloo nto nje. | 1. | Wonke umntu unqwenela isikhundla esiphezulu kwaye kuyaliwa ngaso. |
| 2. | Imbeko nentlonipho athi ayifumane lowo ukuso ayinganganto. | 2. | Lowo uthe wazuza isikhundla solawulo uye anikwe intlonipho egqithisileyo. |
| 3. | Isikhundla esiphezulu sihamba nomvuzo ophakamileyo ukuze lowo ukuso akwazi ukuwugcina umgangatho oxhomileyo ofanele isikhundla eso, angahlazeki. | 3. | Umntu osewongeni wamkela umvuzo omkhulu ukuze akwazi ukugcina umgangatho wokuphila uphezulu. |
| 4. | Masiyivume into yokuba uninzi lwabantu abangena kwizikhundla eziphezulu bawuqala umsebenzi wabo ngokuzimisela okukhulu beneentliziyo ezimhlophe. | 4. | Inxalenye yabantu abafumene izikhundla eziphezulu liwuqale kakuhle umsebenzi walo ngothakazelelo nangentliziyo entle. |
| 5. | Abantu abakwizikhundla eziphezulu banikwa amagunya okulawula iimali ezinkulu. | 5. | Abaphetheyo baye bathenjwa ngokuthi banikwe uxanduva lokuphatha iimali ezinkulu. |
| 6. | Abantu bayothuka, badane, xa besiva izityholo abekwa zona lowo bebemthatha njengenkokeli yabo. | 6. | Abantu bayamangaliswa bazive bephoxekile xa abo babalandelayo bebandakanyeka kwizityholo zorhwaphilizo. |
| 7. | Nakubeni kunjalo, mayicace gca into yokuba asinguye wonke umntu okwisikhundla esiphezulu othi awasebenzise gwenxa amagunya awanikiweyo. | 7. | Bakho abaselulawulweni abatya imali gwenxa nangona ingengabo bonke abenza loo mkhuba. |

**OKANYE**

**UMHLATHI**

Wonke umntu unqwenela isikhundla esiphezulu kwaye kuyaliwa ngaso. Lowo uthe wazuza isikhundla solawulo uye anikwe intlonipho egqithisileyo. Umntu osewongeni wamkela umvuzo omkhulu ukuze akwazi ukugcina umgangatho wokuphila uphezulu. Inxalenye yabantu abafumene izikhundla eziphezulu liwuqale kakuhle umsebenzi walo ngothakazelelo nangentliziyo entle. Abaphetheyo baye bathenjwa ngokuthi banikwe uxanduva lokuphatha iimali ezinkulu. Abantu bayamangaliswa bazive bephoxekile xa abo babalandelayo bebandakanyeka kwizityholo zorhwaphilizo. Bakho abaselulawulweni abatya imali gwenxa nangona ingengabo bonke abenza loo mkhuba.

[70 amagama] **[10]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO

3.1 Ukuloba abathengi bathenge le mveliso.√/Nokufuna ukuba ikholeleke le mveliso.√ (1)

3.2 Ukracaza.√ (1)

3.3 B√/Ubumpuluswa√/B Ubumpuluswa.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.4 Intaka iyabhabha intingela phezulu, ngoko umbhali uqaqambisa ukuba uya unyukela phezulu ubuhle xa usebenzisa le mveliso.√ (1)

3.5 Umyalezo kukuba ulusu luyatshintsha lungabi nazingxaki ezifana namaqhakuva njengakumfanekiso obhalwe 'phambi'√ lube luhle njengakumfanekiso obhalwe 'emva' emva kokusebenzisa le mveliso yakwaDove.√ (2)

3.6 Inyama yangaphakathi endiyithandayo lulusu.√ (1)

3.7 Ubuhle obuqaqambileyo√/Sebenzisa iDove ufumane ingqiniseko nokuzithemba√/Yiba nolusu olumpuluswa ngemveliso yakwaDove√/

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (1)

3.8 Inefuthe lokubaqhatha abathengi okanye lubalobe lwenze ukuba nabo bafune ukusebenzisa le mveliso.√√/Inefuthe lokubaqweqwedisa bafune ukuthenga le mveliso. √√ (2)

**[10]**

### UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI

4.1 Sibonisa ukothuka√/Ukusindwa okungalindelekanga.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.2 Uveza indlela osinda ngayo lo mqulu√/Uveza ubunzima balo mqulu.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.3 Sisimelabizo √/Sisimelabizo soquko.√ (1)

4.4 Ewe kulungile, khon'ukuze bawazi amalungelo abo nawabanye abantu.√ √ /
Ewe kulungile, khon'ukuze bazi ukuba amalungelo ahamba noxanduva.√ √

Hayi akulunganga kuba amalungelo olutsha alwenza ukuba lungahloniphi xa luwazi√ √ /
Hayi akulunganga ngabantu abadala abajonge imicimbi yamalungelo. √ √

(Nayiphi na echanikileyo) (2)

4.5 D√/Ulwimi oluqweqwedisayo√/D.Ulwimi oluqweqwedisayo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.6 Ndingathi makachazele oonontlalo-ntle√/Makachazele amapolisa√/Makaye kumaqumrhu anjengo 'Childline'√/Makachazele ootitshala bezifundo zobomi.√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

4.7 **Um**thetho wabazali ubalulekile√√/Abantu beli lizwe basebenzisa **iin**tetho ezahlukeneyo√√/Ukuthetha kuzala okunye √√/Intetho yamaXhosa sisiXhosa.√√ (2)
**[10]**

## UMBUZO 5: ISICATSHULWA

5.1 Ngelo xesha.√ (1)

5.2 Sivumelana nenjongosenzi u-isikolo.√ (1)

5.3 '... ndinelungelo lokukhuthaza abantwana ngeencwadi ...' √ (1)

5.4 Ixesha langoku.√ (1)

5.5 Cula√/Culani.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

5.6 Akuntsuku zatywala√√/Iintsuku ezimnandi azibotshelelwa.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

5.7 Nkskz.√ (1)

5.8

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| 5.8.1 Igatya eliyintloko<br><br>5.8.2 Igatya elintanganye | A B√/Ndiyakuthanda ukunceda abantu.√<br><br>B A√/Ndiza kulandela isakhono sezifundo zobugcisa bengqondo.√ |

(2 x 1) (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**